*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Iphupha likaGraça*
Written by Melissa Fagan
Illustrated and designed by Karlien de Villiers and Marike le Roux
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 30 August 2014.

ISBN: 978-1-928377-88-7

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# Iphupha likaGraça



Melissa Fagan, Karlien de Villiers
and Marike le Roux

Kwakulilixa kanye apho uGraça wayeza kuzalwa kwilali encinane yaseMozambique. Ngoko ilizwe lalihlupheka kwaye ngelo xesha nabantu babengekazilawuli ngokwabo. Abantwana babengenazikolo zifanelekileyo kwaye uninzi lwabo lwalungakwazi ukufunda. Umama kaGraça wayenephupha lokunika nokuvulela abantwana bakhe amathuba angcono. Kodwa ithemba loko lalilincinci kakhulu ngaphandle kwemfundo.



Umntwana onguGraça wayeza kuba ngumntwana wesithandathu. Kodwa esi siganeko solonwabo sasikhatshwa lunxunguphalo olukhulu. Utata wabo abamthandayo wayegulela ukubhubha. Utata wabo wayenephupha lokuba intombi yakhe encinci iye esikolweni esisiso. Wayesazi ukuba imfundo iyakumnika amathuba yena angazange awafumane. Usapho lwathembisa ukulifezekisa eli phupha likatata wabo.



Emva nje kweeveki ezimbalwa utata wabo eswelekile, kwazalwa olu sana lutsha. Wanikwa igama elihambelana nobuhle kunye nentsikelelo awaweyiyo kolu sapho – uGraça. Ekuhambeni kweminyaka, uGraça wazisa ulonwabo olungathethekiyo kusapho lwakhe yaye nosapho xa lulonke lwasigcina isithembiso ababesenze kutata wabo. UGraça wayeza kufumana imfundo eyiyo.



UGraça wasebenza ngokuzimisela esikolweni kwaye njengentombi ekhulayo wafumana isipho esabutshintshayo ubomi bakhe. Esi sipho yayiyimali yokuya kufunda esikolweni sabafumileyo, edolophini. UGraça wayenephupha lokuba ngutitshalakazi nokusebenzisa imfundo yakhe ukufundisa abanye. Wayefuna ukuba abantwana beMozambique ayithandayo bakwazi ukufunda nokubhala. Wayephupha ixesha apho bonke abantwana banokuba nakho ukuya esikolweni.



UGraça waqhuba kakuhle kakhulu kweso sikolo sasedolophini waze ekuhambeni kweminyaka wasikeleleka kwakhona. Yayiyenye imali yokuya kufunda kwidyunivesithi ekude, ePortugal. Wadibana nabahlobo abatsha, wafunda iilwimi ezintsha, ekwafunda neencwadi ezininzi. Wakhumbula iphupha lakhe lokuba ngutitshalakazi, kwaza ngenene kwabanjalo.

Konke oku kwamonwabisa kakhulu uGraça. Yayinye nje kuphela into eyayisamnxunguphalisile ...



Emva phaya ekhaya abantu babengekakhululeki. Kodwa ngoku uGraça wayefundile, enezakhono, kunye nethemba. Kananjalo wayenabahlobo ababeziva kanye njengaye malunga nelungelo labantwana lokufunda. Wayeza kusebenzisa ulwazi lwakhe kwaye asebenze nabahlobo bakhe. Bekunye babeza kukwazi ukuzisa utshintsho eMozambique.



Ekugqibeleni, ngoncedo lwabahlobo bakhe bonke, iMozambique yakhululeka!



Indoda eyonyulwa ukuba ikhokele ilizwe yayingumhlobo okhethekileyo kaGraça, uSamora Machel. Bathandana baze batshata.



UGraça wanikwa umsebenzi obalulekileyo wokuqinisekisa ukuba bonke abantwana baseMozambique bafumana imfundo eyiyo. Lo yayingumsebenzi onzima kakhulu kuba babebaninzi kakhulu abantwana eMozambique ababengakwazi ukufunda. Wayesazi ukuba badinga imfundo kwaye wayefuna ukwenza umahluko obonakalayo elizweni lakhe. Waqala ngezikolo ezikumabanga aphantsi, efaka amakhwenkwe namantombazana emagumbini okufundela. Wayejolise kwilitheresi kwanokubeka iincwadi ezandleni zabantwana.







UGraça kunye noSamora babenabantwana ababini. Xa bebobabini babenephupha lokwenzela ubomi obumnandi usapho lwabo kunye nabantu baseMozambique xa bebonke. Babonwabile kwaye bezele lithemba.

Kodwa ngaminazana ithile embi, uSamora wasutywa kukufa kwintlekele yenqwelo-moya.



UGraça wamzilela uSamora iminyaka emininzi, kodwa waphinda wafumana uthando kwakhona. Wadibana nendoda nayo eyachitha ubomi bayo bonke iphupha ngokuzisa inkululeko, ithemba kunye nemfundo ebantwini bayo.

UGraça watshata noNelson Mandela kwaye bobabini basebenza nzima, benceda abantwana beAfrika.



Amaphupha ka Graça afezekiseka. Waba ngutitshala. Wabhiyozela inkululeko yelizwe lakhe. Wenza ukuba kubeyinyani kubantwana abaninzi ukuba bafumane imfundo, kunye namathuba okuphumelela izinto ezinkulu kakhulu kananjalo.



Nantsi incwadi, mntwana wam. Izakukhuthaza ukuba wenze ntoni?

